*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Iphupha lam edroweni*
*(My Dream in the Drawer)*
Illustrated by Megan Lötter
Written by Fred Strydom
Designed by Marteli Kleyn
Edited by Ester Levinrad
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 19 November 2016.

ISBN: 978-1-928442-70-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.



Ndakhe ndanephupha, elincinane nelikhaphukhaphu kangako, ndandiligcine ebhokisini.

my-dream-in-the-drawer_interior.indd 6 2020/04/28 09:15

Ndandilifihlile, likhuselekile futhi ligcinekile, edroweni yam yeekawusi.



my-dream-in-the-drawer_interior.indd 7 2020/04/28 09:15

Eli phupha lincinane kakhulu,
endandinalo, uyabona,
Lalimalunga nam ikakhulu ...






... umntu endiza kuba nguye, nalapho
ndiza kuya khona,
Nento endiya kuyibona ngenye imini.

my-dream-in-the-drawer_interior.indd 11 2020/04/28 09:15




Kuqala, yayiliphupha nje elincinane, lade lakhula ngenye imini,



Ngoko ke ndalikhuphela ngaphandle emoyeni, ukuze ndikubonise iphupha lam.

my-dream-in-the-drawer_interior.indd 13 2020/04/28 09:15

Laze iphupha lam, laba likhulu kakhulu,
Kwafuneka ukuba ndilikhuphele ngaphandle ...



Ndaya nalo ebaleni lokudlala,
Ndalibukela liqakatha.



Emva koko bonke abantwana, balibona iphupha lam, bathi, "Nathi siyalifuna!" Ndithe kubo, "Kulungile, akukho ngxaki." Ndabaxelela ukuba benze ntoni.



"Kunje, okokuqala cingani ngenikufunayo.
Kholelwani kuko ngentliziyo yenu yonke.



Ukuze nibe nephupha elikhulu njengelam,
Kuqalwa kuloo ndawo.

Lakuba lilikhulu ngokwaneleyo," ndatsho,
"Liyeke likhululeke
Libhabhele phezulu kulo lonke ihlabathi,
Ukuze libonwe lilo lonke ihlabathi."



Kwathi xa kulapho, iphupha lam elikhulu elidala,
Elalikhe lasedroweni,
Lazidlikidla lenyuka,
Lathi dzu ukuya esibhakabheni ...




Ungalisiki!
Lincinezele, ulifake umbala,
wakugqiba ulenze elakho!

my-dream-in-the-drawer_interior.indd 30 2020/04/28 09:15

